Isalathiso: 20200619-6590
Inombolo yefayili: 5/1/7/4
Imibuzo: JT Solomons

ISetyhula: 0045/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili) kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumagosa akwaNdlunkulu nakwii-ofisi zesithili

Isishwankathelo esifutshane: Ukusetyenziswa kwezithuthi zikarhulumente (GG) ukuhamba phakathi kwendawo yokuhlala yabucala nendawo yomsebenzi

Isihloko: Ukusetyenziswa kwezithuthi zikarhulumente ngamagosa enza umsebenzi we-ovathayim nahamba phakathi kweendawo zeendawo zokuhlala nendawo yomsebenzi

1. Le setyhula ihlaziyiwe yaye iyitshitshisa ikwayithatha ngokupheleleyo indawo yeSetyhula 0024/2015, yomhla we-10 Apreli 2015.

2. Oku kwenzelwa ukuqinisekisa ukuba amagosa enza **umsebenzi ngexesha le-*organised overtime* emva ko-18:00,** angenza isicelo sokubonelelwa ngesithuthi sikarhulumente/isithuthi esiqeshiweyo ngurhulumente ukusuka kwindawo yomsebenzi ukuya, kwindawo yabo yokuhlala, ngokuxhomekeke ekubeni iifom zesicelo eziyimfuneko zingeniswe kwangethuba nokuba **siyafumaneka isithuthi sikarhulumente esilolu hlobo.**

2.1 Oku kumalunga neSetyhula yezoThutho 03/2019 (*Transport Circular*), yomhla we-26 Septemba 2019, icandelo D "iSicelo nokusetyenziswa kwezithuthi zikarhulumente" ("*Application and usage of government vehicles*"), nomhlathi 2 "Ukusetyenziswa kweziThuthi zikaRhulumente" ("*Utilisation of Government Vehicles*"). ICandelo 2 (6) licacisa oku kulandelayo: "Izithuthi zikarhulumente zinokwenziwa zifumaneke kumagosa ahamba phakathi kweendawo zawo zokuhlala kunye nendawo yomsebenzi yesiqhelo ukuqinisekisa ukhuseleko lwamagosa okanye ukuhlangabezana nohambo lwamagosa olwenzeka emva kwamaxesha okusebenza njengoko kuvunyiwe liGosa loSetyenziso-mali (*Accounting Officer*) okanye elo kudluliselwe kulo amagunya".

2.2 Ngaphezu koko, uMthetho i-*Basic Conditions of Employment Act*) (Act 75 of 1997), kwicandelo 17(1) leSahluko 2, umisela ukuba "umsebenzi wasebusuku" unentsingiselo ethi umsebenzi owenziwa emva ko-18:00 naphambi ko-06:00 ngosuku olulandelayo. ICandelo 17 (2) licacisa ukuba umqeshi unokufuna okanye avumele kuphela umqeshwa ukuba enze umsebenzi ebusuku xa kuvunyelwene ngoko naxa (a) umqeshwa ebhatalwa ngembuyekezo yesibonelelo, engaba sisibonelelo esiyi-*shift allowance*, okanye ngokucuthwa kweeyure zokusebenza, nokuba (b) **ziyafumaneka izithuthi phakathi kwendawo yokuhlala yomqeshwa kunye nendawo yomsebenzi** ekuqaleni nasekupheleni kwexesha lomsebenzi womqeshwa".

3. Amagama nenombolo ze-*ID* zabakhweli abanikwe imvume yokukhwela kufuneka ziboniswe kwifom yesiCelo soHambo (*GMT* 2019-0) (*Application to Travel form*) yaye abakhweli abalolu hlobo banokusiwa ngesithuthi kwiindawo zabo zokuhlala ezisisigxina kuphela.

4. Amagosa anikwe imvume yokusebenzisa izithuthi zikarhulumente ngeenjongo zokwenza umsebenzi waseburhulumenteni we-ovathayim kwaye enoxanduva lokwenza imisebenzi yosapho o.k.t. kube yimfuneko ukuba bathathe abantwana babo babase esikolweni kusasa, kufuneka aqale enze isicelo semvume esuka kuMlawuli wabo kwaye azalise ifom i-*Indemnity form*) (*GMT* 2019-04). Oku kungenxa yokuba amalungu osapho awakhuselwanga nguRhulumente kwisehlo sengozi esinga nesiphumo sako nakuphi na ukonzakala/ukufa.

5. Kumiselwe le nkqubo ilandelayo ukulungiselela ukulandwa nokubuyiswa kwezithuthi zikarhulumente ebezisetyenziselwe injongo yokusebenza i-ovathayim:

- Amagosa angazilanda izithuthi zikarhulumente (ukuba zikhona) emva ko-14:30 kuphela ngosuku.
- Amagosa kufuneka aqinisekise ukuba izithuthi zibuyiselwa ngokukhawuleza, phambi ko-08:00, njengoko ukungaphumeleli ukwenza njalo kunokuchaphazela ukubanako kwecandelo lezoThutho le-*GG* ukubonelela ngenkonzo yothutho enobuchule neyimpumelelo ukukhawulelana neemfuno zezothutho eziqhelekileyo ngosuku zabantu abenzelwa iinkonzo.

5.1 Apho kunokwenzeka ukuba igosa elisebenza i-ovathayim ebelinikwe isithuthi sikarhulumente, lingabinako ukuza emsebenzini ngaso nasiphi na isizathu kuqukwa nokugula, la manyathelo alandelayo aya kusetyenziswa:

- Kufuneka kwenziwe amalungiselelo angxamisekileyo kunye namagosa eCandelo ukuqinisekisa ukuba siyalandwa isithuthi sikarhulumente kwindawo yokuhlala yegosa elingekhoyo emsebenzini kwaye sibuyiselwe kwindawo yeziThuthi ze-*GG* ngexesha elimisiweyo.
- Ukungaphumeleli ukuthobela eli nyathelo likhankanywe ngasentla kuya kujongwa ngeliso elibukhali kwaye igosa elo lingathathelwa amanyathelo okohlwaywa, kuqukwa nokunganikwa kwakhona izithuthi zikarhulumente/izithuthi eziqeshwe ngurhulumente ngeenjongo zokusebenza i-ovathayim kwixa elizayo.

6. Ngenxa yemimiselo yokucuthwa kweendleko esebenzayo ngoku, zonke izicelo zezithuthi zikarhulumente ngeenjongo zokusebenza i-ovathayim kufuneka zinike izizathu ezivakalayo yaye mazilawulwe ligosa ekudluliselwe kulo amagunya emaliphumeze imigaqo yokuququzelelwa kweehambo zezithuthi, ukwenzela ukuba kucuthwe inkcitho yangoku yeendleko ngosuku nakwiikhilomitha zeqela leemoto zikarhulumente.

7. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kungaqhagamshelwana nalo naliphi na igosa kula alandelayo kwaNdlunkulu:

Nksk F Abdou	Inombolo yefoni 021 467 2811
Nksk C Albertus	Inombolo yefoni 021 467 2794
Nks Gana	Inombolo yefoni 021 467 2715
Nks V Ntshinga	Inombolo yefoni 021 467 2808

8. Okuqulethwe kule setyhula makwaziswe bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-10-26